higher education & training

Department:
Higher Education and Training
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL CERTIFICATE (VOCATIONAL)

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO

NQF LEVEL 3

(Iphepha lesibini)

(4101233)

8 November 2024 (Y-paper)
13:00–15:30

Eli phepha lemibuzo linamaphepha amane.

043Q2N2408

Akuvumelekanga ukufotopa eli phepha

Tyhila iphepha

DEPARTMENT OF HIGHER EDUCATION AND TRAINING
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL CERTIFICATE (VOCATIONAL)
ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO
NQF LEVEL 3
(Iphepha lesibini)
IXESHA: 2½ IIYURE
AMANQAKU: 100

IMIYALELO EYA KUBAFUNDI:

1. Eli phepha linamaCANDELO AMATHATHU

   ICANDELO A: Imihlathi (50)
   ICANDELO B: Imihlathana emide (30)
   ICANDELO C: Imihlathi emifutshane (20)

2. Qala umbuzo ngamnye kwiphepha elitsha.

3. Phendula umbuzo omnye kwicandelo ngalinye.

4. Funda yonke imibuzo ngocoselelo.

5. Iimpendulo zinombole ngendlela ekunonjolwe ngayo kweli phepha lemibuzo.

6. Qala umbuzo ngamnye kwiphepha elitsha.

7. Bhala ngokucocekileyo nangokubonakalayo.

ICANDELO A: INGXELO

UMBUZO 1

Khetha umhlathi ube mnye kule ilandelayo uze ubhale ngawo amagama ali-150 ukuya kuma-250.

1.1 **INGXELO**

Uligosa elisebenzela isebe lezeMfundo kuRhulumente kwaye iphondo lakho lineziphumo ezingancumisiyo zokuphela konyaka. Uceliwe ukuba uyokuphanda ngezi ziphumo. Bhala ingxelo ngeziphumo zophando olwenzileyo.

OKANYE

1.2 **INGXELO**

Kungquzulene iimoto okweenkunzi zenkomo kuhola wendlela okufuphi kuwe. Bhala ingxelo ngengozi emasikizi ethe yasuba imiphefumlo emininzi kulo hola wedlela.

[50]

AMANQAKU ECANDELO A: 50

ICANDELO B: IMIHLATHI EMIDE

UMBUZO 2

Khetha umhlathi ube mnye kule ilandelayo uze ubhale ngawo amagama ali-120 ukuya kwi-150.

2.1 **IAJENDA NEMIZUZU**

Kumbutho wolutsha benixoxa ngamalungiselelo engqungquthela eniza kuba nayo. Bhala i-ajenda nemizuzu yale ntlanganiso beninayo.

OKANYE

2.2 **INTETHO**

Umenyiwe kwisikolo esikufuphi kuwe ukuba uyokuba sisithethi sembeko kubafundi abaza kuchophela iimviwo zabo zokuphela konyaka. Bhala intetho oza kuyenza ngolu suku.

[30]

AMANQAKU ECANDELO B: 30

ICANDELO C: IMIHLATHI EMIFUTSHANE

UMBUZO 3 ☆

Khetha umhlathana ube mnye kule ilandelayo uze ubhale ngawo amagama angama-80 ukuya kwi-100.

3.1 **ISIBHENGEZONTENGISO**

Ivenkile ethengisa isinxibo sesintu kwingingqi yakho ayiqhubi kakuhle ngokwentengiso. Isantya sokuthenga kwabathengi sehla ngokwehla. Uceliwe ngumnini venkile ukuba umhlangule umenzele isibhengezontengiso esiza kutsala abantu. Bhala isibhengezontengiso esibonakalisa oku.

OKANYE

3.2 **IFLAYA** ☆

Umnini saluni ohlala kufuphi nawe ukucelile ukuba wenze iflaya echaza ngemveliso entsha yokukhulisa iinwele ukuze zihlale zondlekile kwaye zicocekile. Bhala iflaya equlethe lo mthamo.

[20]

AMANQAKU ECANDELO C: 20
AMANQAKU EWONKE: 100